

## UNGANCEDA

**Khusela ipropati yakho kunye nabantu kwiziphumo zokusebenzisa gwenxa IMISELE KUNYE NEZIXOKELELWANO ZENKQUBO YAMANZI ESIPHANGO ngezindlela zilandelayo:**

- Qinisekisa ukuba iindawo eziphambi kwemisele yamanzi esiphango azinankunkuma okanye magqabi.
- Musa ukulahla inkunkuma. Gcina amaphepha akho okutya, ibhotile zeplastiki, umva wecuba nenye inkunkuma kuwe de ufike kwinkonkxa yokulahla inkunkuma uyilahle enkonkxeni okanye de ufike ekhaya uyilahle endaweni efanelekileyo.
- Gcina inkunkuma yakho ekhaya kwingxowa emnyama, uyikhuphe ngosuku ekuqokolelwa ngalo inkunkuma. Umzi ngamnye ungakhupha iingxowa ezisixhenxe zenkunkuma ngeveki.
- Faka izishuba ezingcolileyo kunye nemveliso zococeko zabasetyhini phakathi kweplastiki yokuthenga uyivale ngeqhina phambi kokuba uyiphose ngaphakathi kwingxowa yakho emnyama yenkunkuma.
- Indlu yangasese ayiyonkonkxa yenkunkuma. Yisebenzisele imisebenzi yomzimba kuphela nephepha lendlu yangasese. Yonke enye into kufuneka ingene kwingxowa emnyama, okanye kwisiza ekulahlwa kuso inkunkuma.
- Lahla inkunkuma yezinto zokwakha, amathayara emoto nezinye izinto ezinkulu kwisiza sokulahla inkunkuma sikamasipala okanye ngaphakathi kwindawo kaMasipala yokulahla inkunkuma ebekwe kwingingqi yakho.
- Ukuba kukho inkqubo yokusebenzisa izinto ebezisetyenzisiwe kwakhona kwingingqi yakho, hlukanisa izinto ezinokuphinda zisetyenzisiwe bucala uziphose phakathi kwingxowa emzuba oyinikiweyo. Beka ngaphandle ingxowa emzuba ukuze iqokelelwe kunye neengxowa zakho ezimnyama ngosuku lwenkunkuma.
- Jonga nabani na owenza ububi nozama ukuvula iziciko zemisele, bagxothe uze ubaxele.



## XELA

### XELA YONKE IMISELE EVALEKILEYO NEMISELE YAMANZI

esiphango-kwiiNkonzo zoBunjini boLwakhiwo:  
044 801 9262/66 okanye 044 801 6300 (a/h).

### XELA ABANTU ABALAHLA IZINTO EZINKULU KWIMISELE

kubaNyanzelisi boMthetho:  
044 801 6350 okanye kwa-044 801 6300 (a/h).

### XELA UKULAHLWA KWENKUNKUMA NGOKUNGEKHO

mthethweni kwiiNkonzo zokusiNgqongileyo:  
044 802 2900 okanye 044 801 6300 (a/h).

### XELA IZILWANYANA EZIFILEYO UKUZE ZIQOKELELWE OKANYE

zilahlwe kwiGarden Route SPCA:  
044 878 1990.

### XELA IZILWANYANA EZIFILEYO KU-N2

kwiSANRAL ukuze ziqokolelwe  
082553 4878

## MUSA UKUYILAHLA EZANTSI KUMSELE WAMANZI AMDAKA



**Ukhe uzibuze ukuba kutheni ezinye iindawo zizaliswa ngamanzi ngaphezulu kwezinye okanye zinokuchitheka kakhulu kwelindle?**

**Kwiimeko ezininzi ingxaki inganxulunyaniswa ngokuthe ngqo nento eyehla kumsele wamanzi amdaka.**






## IZINTO EZINGALUNGANGA



Izinto ezingalunganga ezithi **zigungxulwe kwizindlu zangasese** okanye **ziphoswe kwisikroba sokungena** kunye nakwimisele **yamanzi esiphango** ngunobangela omkhulu wokuchitheka kwelindle, imisele yamanzi amdaka evalekileyo kunye nezikhukula kwiindawo ezisezidolophini.

**Imiba eyingxaki iquka:** izinto zokubopha ukutya kunye neebho-tile zeziselo ezipholileyo kwiinkqubo yemijelo yamanzi esiphango, izinto ezinkulu ezifana nezilwanyana ezifileyo kunye nefenitshala kwizikroba zokungena nemisele yamanzi amdaka, kunye nezishuba, iimveliso zococeko zabasetyhini kunye namaphepha-ndaba agungxulwe kwizindlu zangasese.




## UMNGXUMA OMNCINCI INGXAKI ENKULU

Izinto azinyamalali kuba uzigungxula kwindlu yangasese okanye uyiphose kumsele wamanzi amdaka!

Eneneni, izinto ezingalunganga kumsele wamanzi amdaka ziya kuba yingxaki enkulu kakhulu, ingxaki enevumba elibi kuwe kunento owawuyilahlile ekuqaleni.



Yicinge. Ilaphu lococeko lomntu obhinqileyo linokubonakala ngathi yinto encinci, kodwa liya kubangela ukuchitheka kwelindle okukhulu eyadini yakho ukuba livale nokuba ngumbhobho omnye.



## INKUNKUMA IVALA ISIXOKELELWANO SENKQUBO

Akukho nto iqinileyo kufuneka yehle ngomsele wamanzi amdaka okanye kwindlu yangasese, nokuba inkulu okanye incinci kangakanani.


Izinto ezinkulu ziya kubambeka ngokulula kwimibhobho, kodwa uninzi lwezinto ezincinci ziya kuthi ekugqibeleni zidibane kunye kwaye ziwuvale nomsele.



## IMIBHOBHO IYA NAPHI NA

Imibhobho engaphantsi komhlaba idibanisa uluNtu lwakho ngaphantsi komhlaba ngendlela efanayo nezitalato ezidityaniswe ngaphezulu komphezulu. Oko kuthetha ukuba inkunkuma ebilahlwe kumsele wamanzi amdaka kude nekhaya lakho isenokubangela iingxaki kufuphi nendlu yakho, okanye kwiindawo othenga kuzo okanye osebenza kuyo okanye ohamba kuyo.

UluNtu lonke luyaxhamla xa imibhobho ingenanto iyivalileyo kuyo yonke indawo.



## IZIPHUMO EZIBI

- Imisele yogutyulo yamanzi esiphango evalekileyo ingabangela izikhukula ezonakalisa izindlu, iimoto kunye nepropati, kwaye ingaba yingozi yokurhaxwa.
- Imisele yogutyulo evalekileyo ingakhokelela ekuchithekeni kwelindle, elinukayo kwaye kusenokwenzeka nokuba yingxaki yempilo.
- Ukucoca umsele wamanzi amdaka ngumsebenzi obizayo oxabisa umasipala imali eninzi kunye nabasebenzi enokusetyenziselwa ezinye iiprojekthi zoluNtu.
- Ukuba ubhaqwe ulahla inkunkuma uyakohlwaywa. Ukuba awukwazi kuhlawulwa isohlwayo, ungaya entolongweni.

# SUKUYENZA!

Sukulahlala inkunkuma yakho emingxunyeni ecaleni kwendlela (imisele yamanzi esiphango).

Sukugungxula ezi zinto zilandelayo kwindlu yangasese: izishuba zeentsana, amalaphu ococeko abasetyhini kunye nezivingco zokunqanda ukopha, iphepha-ndaba, amalaphu, ukutya okunamafutha okanye amafutha.

Sukuphosa ezi zinto zilandelayo kwizikroba zokungena kunye nakwimisele yamanzi amdaka: amasebe, amathayara, amatye, izilwanyana ezifileyo kunye namalatshana amdaka.

